IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, NOVEMBER 25, 1885. [No. 56.

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqa-qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

[1] *Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.*

Benjenje ukulincoma ubake balilinga: —

"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni | besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla I kamnandi ebnsuku, into ebendineveki ndi. ngasayazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wumbi: —· Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti: — "Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye."

, "Ndingarola," utsho omnye, "iponti zintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi. ileyo ndite ndakumtatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakama ekoyeni yonyawo, enjalo inyanga j ngalo Mgqibelo uleli esitulweni."

Uti omnye: "Lindenzele kanye lonto bute liyaknndenzela, uku ndipilisa ekutyatyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inkohlakaliso njengamanye."

iiyo le enye Intetho: "Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalilingileyo, andikeva mntu ingamnceda. nga."

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kunga. zilisa lonke ipepa.

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke, izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela, 3s. *6d. ngebotile, ongu*

'

JAMES JONES,

46 LONG STREET, CAPE TOWN.

AMALAHLE ASE NDWE

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.

Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

C. MUSGROVE,

OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,

Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

Ikhuba Litengwa Ngokubonwa!

ISAZISO u AMOS THOMAS,

UYAZISA UKUBA UVULE

Ikaya Labantsundu, e-Qonce

E Smith Street, ngezantsi ko Mr. E. J. BOXALL.

APO wonke ubani ayakufumana amalungelo ezixaso nendawo yoknlala. Ubiza amanani alula. Kuko isitali esihle, nomgcini mahashe uhleli elindele. Metsho, Bahambi kaniee nipose amehlo apa bo

King William's Town, 10th November, 1885. AMOS THOMAS.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

EDWARD KELLY

Umteteleli kwinkundla yamatyala

Ubuta imali ezizikweliti, a yitumele kubaniniyo kwaoko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yoma-

Umvuzo awubizayo mncinane.

Ofisi: CALA.

NDALAHLEKELA.

ZINKOSI bonisani umfana ogam a lingu, PETER DAMAN waye gwetywe yijaji wanikwa iminya emihlanu 5 years ngoku eeleneminyaka esixenxe engeko. Apo waye siwe kona kusesi qitini abati yi Robben Island. Soloko wemkayo andiva notifi olu ngaye ngumfo ontsundwana olirwanqa wetnka apa eminyaka ema 25 unengqiti kwiminwe yase kohlo ku cikicane, ulinxele ofnna nkundilandisa wobhalela kwi' ofisi ye Mvo *Zabantsundu,* E.Qonce:

JOHN MCINGA.

Dordrecht, September 25, 1885.

Yizani nityebise amehlo enu kwi mpahla entsha esandu'kusuka kwa PASCOE!

ITYALI EZINTLE (ezifanele abatshakazi).

IPRINTI ezikanyayo, ezimdaka, nezi mfusa ziqala kwi 3d. nge yadi.

IHEMPE, I LINZI, NE MATRASI, eziqala kwi 3d nge yadi.

OMATRASI ABASETYENZIWEYO, ne Keleko iyadi ezi 5 nge sheleni enye

ITYALI ZOBOYA, inani ziqala kwi 2/6, ezimyama ziqala ku 2/3

Ofani ngofani bento yokunxitywa ezifanelekele ukutshintsha.

Ingubo zomtshato esezenziwe, enokwenzelwa ofunayo ngexesha elifutshane.

Iseteni (silika) ezimhlope eziqala kwi 10/d nge yadi.

Isetina ezimabala ziqala kwi 7/d nge yadi.

I-Alpaka ezimhlope, intyantyambo zomtshato, kunye nezigubungelo.

Iqiya zase France (French Merino) ezimnyama nezi mabala.

unonelelo olukulu luyenzelwa abantu abazakutshata.

Ingubo zamanene, Ihempe, ihempe Zangapantsi ikawusi, amaqina njalo, njalo.

Isuti zamanene eziluhlaza inani ziqala kwi 21/ isuti ipela.

Impahla yakwa PASCOE icina ilanga.

Paulani amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI.

ABAFAZI bati ngu SILINDI.

UMTEKETISO ngu FOLOKOCO.

E. J. BOXALL,

Umsiki wentlobo zonke ezifunwayo zengubo,

No. 22, SMITH STREET,

Uhlala enento eninzi yezitofu ezifanelekileyo neziluhlaza apa bo.

Ingubo zomtshato zenziwa ngokokiifuna komntu kwisituba se yure ezilishuuii.

Uhlobo ezenziwa ngalo nokufaneleka kwazo Jakunakugxekwa bani.

Paula—Intsebenzo yonke iqutywa ndlwini 'nye.

ISAZISO SENKOSI

Great Place, Pondoland West,
16th November, 1885.

NKOSI ndiyacela kuwe indawo muhleli Wemvo Zabantsundu epepeni lako ukuba undifakele lamazwi amba-Iwa into endifuna ukuba undifakele yona yile yokuba ndibone epepeni lendaba ukuba bekuwele UMHLANGASO J. S. FAKU, no OHAM unyana ka MQIKELA no UMDILIZA no KETSHE no W. BARNABAS no DONALD STRACHAN, ukuya kuteta nezikulu zepalimente yasekapa ngomuhlaba osecwebeni lo Mzimvubu endatengisa ngawo ku Rulumente nganeno kwo Mzimvubu abati bona epepeni lendaba andinanfanelo yokutengisa ngawo kanti ke nditi mina ndiyinkosi UNQWILISO ndifuna ukuba undifakele epepeni lako nakuwo onke amapepa abashiciltli nabashicilelela u Rulumente ndifuna ukuba inteto yami yaziwe ngabo bonke abantu abamhlope nabamunyama ubazise bonke ungoyikisi luto ngeteto yami endizakuyiteta apa epepeni nditi kuwe into yokuqala yile wayete UFAKU ukuwela kuka DAMASI unyana wake ubawo wami mina NQWILISO wati u FAKU pakati kwa Mapondo onke epelele esiva wati ke DAMASI nyana wami wena wopata kwelo Cala lingapetyeya kwo Mzimvubu ube yinkosi enkulu kona mina FAKU ndopata nganeno kwo Mzimvubu ukuba kuko umntu obalekileyo apa kumi enetyala andiyikuzisa musila wengwe kuwe ndotumela ngomntu ukuza kuwe nawe DAMASI uze wenje njalo ukuba kuko umntu obalekileyo kuwe enetyala ungatumeli ngomusila wengwe utumele ngomntu yiyo leyo mini wanikwa ubawo UNDAMASI ubukosi obukulu nguyise u FAKU nditi mina NQWILISO lomuhlaba unganeno kwo Mzimvubu ngowami andiwubangi namuntu lawo madoda abeye e Kapa abeyo kwenza inkohliso nami bandizimele abandazisanga leyo hlanganiso yabo ukubonakalisa ukuba bayeba bafuna ukweba umhlaba wami kuseloko ndatengisa ngawo lo muhlaba upezu kwo Mzimvubu ku Rulumente UMQIKELA akazange ayibuze lonto kumi ngokuba naye uyazi x ukuba ndinokwenza apo nditandayo ngowami umhlaba naye unokwenza apo etandayo ngowake ndingamubuzi luto anditetinto ngecala elingapetyeya kwo Mzimvubu ngowake lowo lo enditengise ngawo ku Rulumente ndawutengisa kwakanye andisoza ndifike nditi andiwutengisanga nditi namuhlanje ndawutengisa ndimi inkosi yawo ukuba kuko into etetwa ngu MNQIKELA makayeke ukuteta no Rulumente makateta nami ayeke uKuzimela ukuya e Kapa engandazisanga ukuba kuyatetwa makutetwe emuhlotyeni kungabi semunyameni ses ibo na emapepeni endaba singa buzananga ukuba umhlaba ngowake yini nokuba angabekisi kumi andibuze ngawo UMQIKELA ula f irafu yomuhlaba wake ngapetyeya kwo Mzimvubu nami ndila eyami irafu eyowami umhlaba nganeno kwo Mzimvubu ula ezake izizi nami ndidla ezami izizi asihlangani sobabini ngazo Uyinkosi kwowake umhlaba nami ndiyinkosi kwowami umhlaba nanga ke amazwi endifuna ukuba undibekele wona emapepeni.

Kuyo lenhlanganiso yalenteto nango amagama amakosi akoyo ngalemini ndiyapela apo mina NQWILISO, son of DAMASI.

CHIEF NQWILISO his X mark
PHILIP CHARLES
QUMBELO his X mark
QEKETO his X mark
SIROQO his X mark
MAYOLI his X mark

Iveki.

IZIGITSHIMI za Mampondo ebezitunyelwe e Kapa ngulomzi zifike e Natal ngeveki egqitileyo. Zanelisiwe kukuba u Mr. De Wet esiva e Mampondweni ukuya kuva eyona nto ayifunayo.

ABABULALI bompati we Stishi sase Mbilo e Natal baxhonywe namhla e Tekwini. Beke kwenziwa ngabatile isicelo sokuba baxole Iwe kodwa ayivumanga i Ruluneli.

INTLANGANISO ye Komityi elungiselela imicimbi yo Manyano Ngemfundu iyakuba se Rwarwa, kumzi womongameli u Rev Elijah Makiwane ngoMgqibelo ozayo 28 November 1885.

UMXHOMI nfikile e Qonce ukuza kuhambisa umsebenzi wake obuhlungu.

NGOMGQIBELO ngqitileyo i Bishop yase Roma ivule ityalike ekwasisikolo sabantsundu kwi Lokeshon yase Rini. Lomzi mtsha awuqelelene kakulu noka Fikizolo. Kulindelwe ukuba intsapo iyeknngena emva kwe Krismasi kwesisikolo sama Roma iyakuba sekulwini.

U MB. FRED J. HODGES owaka wayi. mantyi e Colseberg. e Dikeni nase Ngqushwa obeyimantyi yase Swellendam ngoku, ubhubhe ngolwesi-Ne November. 19

INQANAWA efike ngolwesi-Hlanu ivela e Ngilane ibinobuntu onengqakaqa. e Ifikile Kapa ubekwe nxaninye kwindawo Iwa eyonge. kayo kakade.

ZINILE nje imvula mayifinyelele kaloku mzi, imali yokuhambisa "Imvo."

I RULUNELI yamnkelwe ngemigcobo e Bloemfontein apo isahambele kona ngayo leveki. Ibuyela e Dayimani ekupeleni kwayo.

U WILSON i Guard kwaloliwe iwe ikwela etrenini e Colaeberg yanqunyulwa umlenze ngu loliwe. Amagqira akancedanga into ufe kwakamsinya.

UMKOMBE ofike ngolwesi-Ne olu lugqitile. yo uvela e Ngilane ufike no Hon. T. Upington M.L.A., no Hon. J: H: Hoffmeyr, M: L: A:

U HON: J: A: DE WET ubeke wahatnbela e Herschel ngeveki epelileyo.

SICELWA ukuba sivakalise udaba lokuba ' " Ngolwesi-Hlanu ngomhla wamashumi amabini anesixenxe enyangeni kuyakudlala impi | ye Albert C. C. yabamhlope neyona mpi ye i Champion C. C. yase Qonce yabantsundu. I Amagama omlisela oyakudlala wa Maxhosa ngawola:—N. C. Umhalla (Capt.), G. H. Nozwane (Vice-Capt.), H. E. Tshatshu (Act. Secretary), W. C. Umvallo (Secretary), J. W. Gawler, M. K. Mtakati, James Mdana, Edmund Mbom, Edward Genge, Joel Mkencele, A. K. Malo. Sisixenxe ngapandle kwala magama esiyakulindela ngawo inxwaleko engehlayo kulamalungu amisiweyo. Lomdlalo ke ngowesitatu nowokoyisana kwezimpi ze Albert ne Champion."

U MR. DE WET uyakuba nentlanganiso na Mabula na Bantsundu na Mangesi ase Komani ngokuhlwa nje ukuxoxa ngofuduso Iwa Batambu.

YIMIQODI Abarolong ukufudukela Elusutu.

ABANTU base Mnyameni (Alexandria) benza isicelo sokuba ifuduswe imantyi yabo. Isizeka bani asikasiva.

E FOLAF1LE.

NGOCINGO.

PEARSTON, NGOLWESI.BINI 2 p.m.—Elizwe liyoma, kumana ukufika umoya ovela ngezantsi yonke imihla. Ibabile ihlile kanye, ihamba kwi 7/- ngezitungu ezilikulu. Imantyi igwebe ababanjwa abalishumi linesitoba ngolwesiNe. Ubuninzi ngamasela. Unqabile umsebenzi.

NGOLWESI-TATU, NOV. 25,1885.

ITYALA ELIKULU.

AMEHLO abantu ngeziveki zimbini ebebomvu ondele e Rini apo bekucedululwa imhokomha apa yetyala ebelibekwe ngu Rulumeni pezu ko Rev. JOHN D. DON elipelele ekukululweni kwake ngamatyala. Iziganeko zalomcimbi ziyaziwa ngumzi. Zezo zasukela ekudutyulweni kowebala letu e Bekesdorp li Bhulu elingu PELSER ngo January ogqitileyo. Umzi awubanga nadyudyu lanto kuba wati umbulali lowo uyakuya pambi kwamatyala ngokwesiko. Isiko ke limise igqweta ekutiwa lele Nkosazana elimele ukukangela ukuba wonke umntu we Nkosazana kweli lise Maxoseni ukuselwe ngumteto empilweni yake nasempahleni yake; eliti ke akuhlutwa ubom bake ubani lenze imigudu yokuba lowo wahlute omnye ubom bake ayekupendula ngeso senzo. Okwangoku ke eligqweta ngu Mr. MAASDORP.

Ubulewe ke u ZAKARIYA ngomhla we 16 January, kulonyaka li Bhulu elingu PELSER, unge angamsa ematyaleni u Mr. MAASDORP wabuya wamyeka, ngapambi kokuba amyeke kwavakala emapepeni ukuba Amabhulu ase Bekesdorp atenga imipu nengxawe zokuba aze akucase ukubanjwa kuka PELSER. Bate ke abantu mayibe yiyo leyo imbangi yokusinda kwake. Emva koku ke kwati-xum. Ide lonto yabuya yakutyulwa lipepa lomfo ka HAY lalapa e Qonce i *Cape Mercury,* eyalate ulonakalo lokuba lendoda ingasiwa ngapambili ekubeni ziko inyaniso ezingacacileyo zeso senzo sayo. Yona impi yakowetu entsundu ese Bekesdorp nase Herschel ayizanga yavutwa kwaoko, waba ke umzi uyayiririzela ihambiso yabamhlope kwinto ezinjengenqubo yamatyala. Waye lo PELSER engaqali ukupata abantsundu ngoluhlobo. Ite ke lento yabanga ukuba ontsundu umzi uti inqubo ya Mangesi yamatyala ekumana kusitiwa ilungile ligama kodwa.

Kodwa aseko naku Mangesi amadoda antliziyo zimhlope angenakumelana nokungeyiyo imfanelo, asanga igama le Ngesi lingahlala limsulwa. Isazi ukuba ngokwenjenjalo izibizela onomeva nonomaxedlana, i *Cape Mercury* izanekile inyaniso zesisenzo simdaka yacela kubapatiswa basemtetweni ukuba basikanyeze okanye basityile. Badukisile. Amapepa endaba ajokisile kwakulomkondo; Akuncedanga luto. Usuke u Rulumeni wanika indlebe esitulu kwinteto yamapepa kwanjengokuba wenjenjalo u BHALI wakudala kwimigulo yabanquli bake. Kanti kukuba abapatiswa mteto beyakuvuswa ngamazwi arara omfundisi u Mr DON xa selezihlamba ebusweni bezulu kweli nyumnyezi. Ngokalipo lom-Skotshi wenyaniso umbuzele u ZAKARIYA kwanabazalwana bake—embuzela lemfanelo itandwa kunene nga Mangesi, awada alwa apalaza igazi lawo kwizizukulwana zamandulo ecasa ikumnkani ezazifuna ukuba ingafunyanwa nga Mangesi na Maskotshi. ngoko babonisa ukuba boyika u Tixo kunezikumnkani ezigwenxa. Ucacile u Mr. DON entetweni yake wati u PELSER ngu "mbulali olijacu." Usuke umteto wamnamatela ukuze umhlazise umtyumze. Into yokuba u Rulumeni ngamaxesha entswelo anje arole imali yokuba kudotyeleliswe umfundisi wendaba ezilungileyo, kwilizwe lama-Krestu ngokusuka avakalise incaso yesenzo esimdaka, yinto esingazanga siyive ebalini lesizwe Samangesi. Ngesiyivisisa into yokuba lemali ibirolelwe ukupanda inyaniso ZAKARIYA ebezite azacaca kakuhle kwabangqondo zizezobuntu. Site nqa ukuba abantu ababbatala ezirafu batule zole tu kwincito enje. Asingi singalata indawo ezingangqinelaniyo—kwinteto ebite yanekwa pambi kwamatyala, oko kufezwe kanye yinteto ebujingxela ka Mr. MAASDORP neyobuciko ka Mr. SOLOMON, nezeleyo emhlope ye Jaji u Sir JACOB BARRY, zibonise ukuba u PELSER umdaka. Yasuka yamhlope kwezetu ingqondo inteto yokuba lento umbulali ayinakufihlakala kupele, oko u PELSER wasuka wanguye omangalela umfundisi. Usomandla ube ngakuye, wabatobisa ababandezeli. Namhla ukululekile. Malibongwe igama lake eliyingcwele.

Ibe sisibonakalo esibi ukuba u Mr. MAASDORP abonakale enguye otshabalalisa eziya nyaniso kanye anga-eba wayezibutile ukuze kubuzelwe ukugwintwa kuka ZAKARIYA. Senga ukusindisa iwonga lake u Mr. MASSDORP ngewayete akubona ukuba kuvela inyaniso angaba waye ngazazi ngenx' engapambili waseleliyeka kwalapo ityala. Tina besiylumcoma de simxolele nesiwo sangapambili.

Into yona eyakuma imi u Mr. DON ufumene uloyiso kwidabi elikulu angene kulo ukuba afumanele ontsundu imfanelo zake. Impemb' Enkulu empata ngokumbamba ngesixanti ontsundu, yafumana ukungqezulwa, kodwa mhl' apa zabambana nayo injengeie ezingo Mr. SAUL SOLOMON no Mr DORMER ngelatyala lokubulawa kwa Makorana kwelipezulu ngo 1879. Namhla u Mr. DON uyibmze kwelomkono iwile. Ukuze ingabuye ipakame ke Amangesi na Mabhulu atanda ukuzola nokonwaba ayakuncedisana nabamnyama. Imigcobo ete yako ngenxa yoluloyiso luka Mr. DON ibonisa ukuba imfanelo yinto esatandwayo nga Mangesi enyaniso.

Sisakangele into ezakwenziwa ku PELSER njengokuba namhla edandalazile. De abe uwawelile onke amazibuko awelwa nguye wonke umenzi woko akwenzileyo, kuyakuhlala kwabanqabela abantu bakowetu ukubona ukuba umteto awunakete.

Amanqaku.

UMYALEZO ka Rulumeni ku Folosi ngapambi kokuba aye kwela Batembu ubonakala kumapepa ase Kapa. kushenxile kwinto yokuba maze angabafudusi abantu xa ba. ngavumiyo, ngokoke awuyishiyile into ekwagqitywa kuyo e Palamente. Bekusakubanje kakade ngemini zokuqala zika Mr. Sprigg bekusakuti kanti kuko iminyelekendlane yencwadi ezihamba ngasese ezicebisa enye into. Ukuba ubani akakolwa yilonto mayelana nolufuduso, woba uti ixoki ngu Folosi. U Folosi yena utiku Rulumeni akatyhali mntu ngabaxa. Sisati tina ngu Folosi umntu odala esisiduba.ntini edibene no Mr. De Wet. U Mr. De Wet ute e Komani: lento ihanji. swa ngohlobo lokuba kuti kwakumnka abantu abaninzi kwifama etile sebetyhalwa bonke abanye abanga bangahlala. Lehambiso ke icasene nesigqibo se Palamente esiti makungacitwa namnye umzi bade babe bayavuma ukufuduka bonke abemi bawo. Yabe ke ababantu bangebaninzi bangavumiyo ukufuduka ingabona bantu bendeliseleyo ingcambu nkuma kwelozwe ngokuvaka izindlu ezintle nokutyala imiti. Indlu za Batembu azingehlazise Ngesi. Intshaba zetu sezisiti ngu Mr. Rose-Innes umbandezeli wetu kuba lento kuhanjiswa yona ingenteto yake. Lento ayinabunyaniso kuba yena wayimisa poqo ukuba mabafuduswe xa bavnmayo. Makukutshwe u Folosi kumzi wa Batembu.

EPENDULA U Mr. Sprigs u Folesi ukanyela alale ngombele ukuba uke wanyanzeJa nomntn omnye. Ukwalata ukuba lento eyina bunyaniso sitabata lamanqaku kwincwadi ebesiyingenise kwelokugqibela ngawo kanye lomcimbi. Uti umbhaleli wetu: mna njengotnnye wa Batembu ndingti u Folosi mhlamnene wawaneka. kakuhle umcimbi lo kulontlanganiso yayise Lady Frere, kodwa einva koko intsebenzo yake ayilandelanga amazwi ake, kuba ute u Mcwakumbana akuti andifuni kufuduka ndidiniwe kukuhamba, yati impendulo kwaoko ngelozwi lodwa akusesibonda ngokwesibini asilulo lunyanzelo na olo? Kanjalo luko ngokuzolileyo kuba u Cotiyana enye yamadoda afudukileyo lite izwi kuye lipuma ku Folosi—wena Cotiyana ndive ngemantyi ukuba wakutshwa ebubo, bondeni, kuba wawubabatalisa abantu wakubapa amasimi, ngokoke namhla ukuba ungeza nabantu aba 60 abavuma ukuhamba nawe ubazame uze utembise ukuyiyeka lonto wawukutshwe ngayo, ndingakubhalela iucwadi uze ube eisibonda sabo e Qumbu.

AMAWETU a Pesheya kwe Noiba mawangazidepiseli ngokuti intlanganiso enye yanele ukumenza ukuba u Rulumeni awubuyise umva umteto ovulela ishwangusha apa elikulu umciti womzi ontsundu ntywala obuvu. lelweyo e Transkei. Iqinga labamhlope lokwenza ukuba ade eve u Rulumeni kukwenza "Ingxolo, Ingxolo Ingxolo." Seloko mizi eziqekeza intloko ka Rulumeni. Sati tina makwenziwe intlanganiso kwimizi yonke enabantu bakowetu izigqibo zivakaliswe emapepeni ze zitunyelwe ku Rulumeni Sivuya ukuti ontsundu umzi walapa e Qonce ube nayo intlanganiso yawo ngolwesi-Hlanu Iweveki egqitileyo. Yagqiba ekntumeleni umtandazo kwi Rnluneli. Ibhalwe kwaoko incwadi leyo. Isihlalo sibe sibanjwe ngu Mr. D. Thomas kuko nabahlobo abamhlope nabantsundu abenze inteto ngo Rev. F. Wynn, Rev. C. Pamla, Messrs, W. G. Cooper, W. O. Carter, J. Newing, J. Tunyiswa T. Sambula no J. Tengo-Jabavu. Ibe moyamnye intlanganiso ngendawo yoknba lento ivulelwa inkosi, inkosana nezipakati i Brandy kukuba kufunwa ukubulawa intloko yomzi ukuze yakufa ube nawo seligqityiwe. Siva ukuba imitandazo yoda isinge nase Ngilane.

UMHLA alike ngawo apa u Rev. J. D. Dorr ukuvela e Rini awusoze walityalwa ngabau bonileyo. Uluntu lubonisile ukuba luvuya kunene ngokabuya kwake oyisile. Amawetu ayiyeka yonke imisebenzi akwela (inxenyi yawo) emahasheni ukumhlangabeza e Luka lweni. Ekungeneni emzini isuke yayinkung nelanga abantu bamabala omabini. Isuki yanyatelana impi ngokufuna ukumbona Wamnkelwe ngenteto ebesezilungiselelwe oko pambi kwe Town Hall, eyempi emhlope ileswe yi Mayor inkulu yomzi, eyabantsundu ilandele yaleswa ngu Mr. Tengo-Jaba egameni lamawabo alapa nangekoyo azali lonke eli, u Mr. Don ubulele ngento eshushu ngohlobo amnkelwe ngalo ngoba kodwa ngabantsundu abengazi ukuba kuhleliwenje ezizinto zihambisekayo bayazibona. Ubengakukangele ukwamnkelwa ngoluhlobo. Akayiboni noko yena into enkulu ayenzileyo efanelwe kuko konke oku, ubesuke yena watyila uvalo lwake. Akakazanga watonyalaliswa yinto kunamhla weva inteto ye Jaji enkulu eyati kuye " Maube utonyalalisiwe kukubona ukuba yona kanye lonto ubuyilwela uyifumene uloyiso lungakuwe,"—amazwi angakoliswa kuviwa ngabazamela ubulungisa besekweli ipakade. Into abeyilwela uyenje. nje ukuyimisa u Mr. Don "Lixabiso lobom bomntu, kukuma mgangatweni mnye kwabo bonke abantu emehlweni omteto nokuhanji- swa okuhlambululekile komteto nesiko." Waleke wati, kukunonelelwa kwezizinto okuyakubanga ukuba izizwe ezimnyaina ne zimhlope zihlale ngokuvana kwelilizwe zincedane ukuze elilizwe lihlumelo kwabo lamazwi ebexholiwe ezintlizweni zabo banga bangalaula elilizwe.

UMCIMBI KA PELSER.

Elityala likulu lipulapulwe yi Jaji, u Sir Jacob Barry kunye ne Juri. Liqale ukutetwa ngolwesi-Ne, 12 November kude kwango Mvulo 16 November. Imo yetyala kukuba u Rev. John Davidson Don, Umlungiseleli wento ezingcwele webandla lase Rabe la Mangesi ehse Qonce, enetyala elifana na wobusela nanjalo, ngokusuka ahlute igama. isimilo, nesihomo sake u Willem Jacobus Pell ser, ifama lase Royiberg Fleie Bekesdorp ngokusuk'abhale ngo 14 April kwipepa lase Qonce i *Cape Mercury* lamazwi ahlazisayo ati " Elogazi leso sialam somntu (ngoko ebhekisa ku Zekariya owabulawayo) liyalilapambi kwe- zulu limmangalele lombulali uluSizi (ngoko eteta u W. J. Pelser) no Rulumeni ongavu- manga ukumsa ngapambili ote ke ngoko wa- vumelana nesigwinta kwanabantu belilizwe abafumane badukisa." Ngalenxa ke umhlute igama u Pelser.

U Mr. George A. Hay obebekwe ityala ngokuyishicilela lenteto uxolelwe ngu Mr Maasdorp oligqweta le Nkosazana e Rini.

U Mr. Richard Solomon, M.A., no Mr. C. Frames, B.A., LL.B., B.Sc., ngabateteleli abebemele u Rev. Mr. Don pambi kwe Jaji ne juri. Laye ityala lilangiselelwe i Jaji ngu Mr. R. W. Rose-Innes, umteteleli walapa e Qonce. Icala elitshonisa u Mr. Don ekutiwa lele Nkosazana belimelwe ligqweta ekumele oko e Rini u Mr. A. F. S. Maasdorp, ebelungiselelwa ngu Mr. Knobel igqweta lika Pelser e Bekesdorp. U Mr. Solom ucele ukuba umfundisi angemi emkumbini wababanjwa kodwa ahlale kufupi na; Ijaji ikuvumele oko.

U Mr. Solomon ute umhlaba abemi kuwo knkuba bebefanele ukuwasebenzisa amazi lawo kuba okwenene enguye umbulali Pelser, kwakona ililungelo lomntu wonke wenkosazana ukuyalata ngokubalulekileyo into angakolwayo yiyo.

Lamadoda alandelayo abeyi Juri: —O. Messrs. F. J. Kennelly, Wm. Carstens D. R, Edgill, Henry Skea. Wm. Keightly, Jos. Oliver, R. S. Guest, E. B. C. Hoole, no R. R. Smith. Ekubeni u Mr. Maasdorp ebe kupe o Messrs.R. Wallace, L. Harpur, Geo. Luke, no R. W. Nelson; u Mr. Solomon ukupe o Messrs. F. Barr, no R. Cinnamon.

U Mr. Maasdorp wenze intshayelelo, waqala ngokuti onke amangqina kwelityala makapume egantolo, waza wati amazwi ekuma. ngelwe ngawo, ukuba ute isimilo sondimangele, ngalawo ati— "Igazi lolosizana lubuleweyo limangele ebusweni Bezulu limangalele esi sigwinta," njalo njalo. Kamatyala amaninzi oluhlobo i Juri ixakwa yakufika kwinqanam lokwahlula kumaxa kutenina ukuba kutiwe ubani utete amazwi asusa isimilo somnye. Kulomcimbi abasokufumana ngxakeko kuba amatyala ayakubatvela ukuba ukumbekityala umntu omsulwa kukumhluta isimilo. Yiyo le ke into eyanekwa pambi kwabo—lamazwi ebengabekiswayoku. fanelekena ku Pelser. Ukuba banelisiwe ukuba ebefanele ukutetwa akuko bani wahlutwe igama. Lamazwi atetwe ngokwehla ngomhla we 16 January lo ugqitileyo. U W. A. Pelser upatiswe ifam nguyise, kule kumiswa ucingo kusenziwa nendlela we, kusebenzake into eninzi yabantsundu. Kute ke ngexa elo kw ukuba amafama akufupi nomsebenzi lahlekelwa yimpahla ngendlela

U Mr. Solomon: Ndingakunqukulela ivumi ukuba kunganiswe inteto abupambi kwamatyala.

I Jaji ivumele u Mr. Solomon

U Mr. Maasdorp uhambise mfaka u Pelser emkumbini wobungqina ukuze ayiqube eyake imbali ate u Mr. Maasdorp yeyokuba umfi lowo wayemncinita ngentonga yentsimbi, wamdubula ke ngokuzinqandela ihlahla yaza imbumbulu ete yehlahle kwigxalaba lase kohlo yatyutya yaya yema emqolo. Abacase u Pelser bati udutyulwe ehamba pambi kwehashe, kodwa ubungqina begqira bonibonisa ukuba ubedutyu. Iwe ngoku njalo imbumbulu nge ingahambanga ngoloblobo. Inyaniso ezizintloko zatatyatwa yimantyi, kodwa eyifundile inteto ka Pelser ugqibe (yena Maasdorp) kwelokuba angambeki tyala u Pelser. Ngeba ke into le yayipeleli apo kodwa kweli lizwe amabango ngamawonga okulaula abauga abantu banga. katali nokuba babambana ngantonina.

U Mr. Solomon ute ngati bekuvunyelwen

ukuba kangatetwa nto ngamabango amadoda ase Palamente.

U Mr. Maasdorp ute inteto ebange ukuba u Mr. Don abhale yeyepepa eliyi Cape *Mercury* elaziwayo ukuba liwacasile lamadoda alaulayo, nenteto leyo yayeyokwenzakalisa wona. U Mr. Don akenzanga migudu yoku fana inyaniso ngapambi kokuba ati u Pelser ngumbulali. Makayixelele mhlope i Juri nkuba u Rulumeni akateni nento nemicimbi ye ofisi yake u Maasdorp, kangangokuba i Juri ingateni nayo lomisebenzi engeze ayivumela nokuba ibeiseyitanda.

Ingqina lokuqala elingeniswe emkumbini ngecala lika Pelser ibe ngu Mr. Geo. Hay, nmhleli we *Cape Mercury* ote ebuzwa ngu Mr. Maasdorp incwadi leyo yayibhalwe ngu Mr. Don. Kwimibuzo ka Mr. Solomon ute umazi ixesha elide u Mr. Don, asimntu ungenayo kwimicimbi yamabango abalauli. Lenowadi yeyokuqala awaka wayibhalela epepeni lake. Ute: Bendingumbanjwa no Mr. Don, kodwa ndibuye ndayekwa ukuzeke ndibe lingqina. Ndandite mna incwadi leyo ifanele kanye ukushicilelwa. Andicelanga ukuba ndikululwe. Ndaziswa ngencwadi nkuba ndiyakululwa. Mna inteto yam ndandiyitabate kwincwadi zemantyi.

Kungene ke emkumbini u Willem Jacobus Pelser obuzweligqweta lake u Maasdorp waza wabnzwa ngu Mr. Solomon ixesh' elide wazipinyela kunene entetweni yake ngokuti pambi kwe mantyi wayemnqanda Umxhosa kodwa yena engavumi ukuze adubule, kanti ebuzwa ngu Mr. Solomon ute wayemquba wajika ke u Mxosa wambeta ukuze arole ipistoli. Ngelinye ixesha ati wayeyipete ka- ipistoli ze kwakona ati wayenge kabam; ukuba amdubule yasuka yapuma yona imbumbulu, kanti ebuzwa yijaji ute wayesiti ma katsho emkonweni, amngxwelere kodwa.

Igqira lase Bekesdorp u Dr. Paul ute ukuba elinxeba lomfi wayelikangele engatyelwanga indlela elenzeka ngayo ubengati lenziwe ngumntu obengasemva, bucalenira. Ukuba umfi ubembeta u Felser, yena ebucala, abeke wesuka wadubula u Pelser ngelingeko kwindawo elikuyo inxeba, nembumbulu ngeingahambanga ngoluhlobo ehambe ngalo. Ukuba umfi waye-ewe xa ambetayo u Pelser ngesokunene uPelser emalungana ngapambili yaza yapuma umbumbulu yayiyakugunguluza ihle. Kokwam ukwazi njengegqira ndisati mna lomntn wayevelelwe ngemva. Ndimvile u Pelser xa ati ontsundu wayemayelana ngase kunene kuye, ukuba kunjalo inxeba belingena kuba kwindawo elabakuyo. Ubungqina begqira bayicasa kanye yonke inteto ka Pelser.

Kulandele u Abo, umntu ontsundu ote indoda leyo yayipete uswazi olubugixa bungangocikioane, lupezu kwamagxa epumle pezu kwalo ngengalolude lwagoba. Lwalu- lude kunentsimbi leyo kutiwa yabulala umntu wayesoloko elwenjenjalo ukulupata xa wayeteta nati wada wemnka.

Ingqina elingu Felskuni elayibona yonke into eyenzekayo liti. - Wabona umlungu emlandela, ute akuwela edamini wafika kuye umlungu, ufike wamuqanda ngapambili wamquba, bate xa bakufupi nedam kwavakala isitonga ngakwelocala lomlungu. Unge uyema umlungu ekwele wabuya wagoduka. Andimbonanga ejika ebeta omnyama. Wayebamba pambi kwehashe engakangele ngemva.

Untloyiya ute: Ndandimbonile n Zakariya ngapambi kokuba adutyulwe. Ndandi. qala ukumbona lomhla. Ndambona evela kwindlu yakulo Pelser esiza kulondawo sasikuyo, uqale wateta no Felskuni, ndisuke ndaya kupulapula. 'U Swaartbooi ubulise wegqita. U Zakariya usinge ngase damini. Bendingekude kuye oko ebenati. Akuligqita idam kugqite tile ekwele ehasheni wonde ngo Zakariya. Ndimbone emjika, wamquba bengaqelelene kakulu. Ndisaka- ngele ndibone umsi ndeva ngesitonga. Wa- wa umntu. Ukangele ixeshana umlungu esehasheni wajika wasinga ngasendlwini. Ndimshiyile ke u Felskuni ndaya emsebe. nzini warn. Andimbonanga ontsundu embeta omhlope. Wayengapete nto ngesandla u Zakariya ukumbona kwam. Wayengenanto' wayeyigushile ukumbona kwam. Ndimbonile umlungu epakamisa ingalo, kodwa andiyibonanga ipistoli, wona umsi ndiwubonile. Lonke ixesha bendibabona. Andilibonanga ibashe lidlokova ngapambi kokuba ndisive isitonga. Ndibone mna ukulandelana oko.

Amanye amangqina ngango Dr. Great- head no Dr. Ross awavumelene no Dr. Paul ngokwenzeka kwenxeba. Amangqina ka Pelser anpo Martinus David, no Abraham De Klerk »vumelene naye ngentonga yentsimbi. Amanye amangqina ecala lomfi ngango Mayer no Peters no Mr. Alfied Hamsworth isandla semantyi awazibika kuso u Pelser, namanye angqine ezinyaniso zivakaliswe ngamanyo. Kubonakala ukuba umfi wayevela edolopini efuna ihashe lomlungu wake emini: Ugqite kulamadoda Bkwaloliwe waya emzini ka Pelser wawafumana amadoda esesandeni: U Pelser umbuze Pasi ate yena akanayo, wagqita ke ukuze Pelser amputume:

Inteto zabateteleli nejaji eziqoshelisa ityala zobonakala kwelizayo.

ABALIMI NA BARWEBI.

ITYALA LOMFUNDISI.

Singa singacela wonke umzi ontsundu ukuba uke usikangelise elinye icala lelityala ligand' ukugqitywa e Rini. Njengokuba sonke sisazi u Rev. Mr. Don ungene kuyo yonke lenxamleko nosizi kuba ubefuna ukuba nabantsundu bafumane ukulungiselelwa njengabanye abantu emtetweni—bangacukuoe- zwa ngenxa yebala kuba lisuke alibimhlope. Ngoloyiso lwake ke ubonisile nakwi Bhulu ukuba apa pantsi kwe Nkosazana ubom bomntu ontsundu abububo ubom bebhadi lasendle angasuke nabani abutabate ngepistoli nangompu. Sinenkolo ukuba ininzi impi ebibupete bukepu ubom bomntu ontsundu ayalekileyo ukuba nokuba nguwupina u Rulumeni obukangelele pantsi kwendlu yenkuku ubom bom-Afrika i Jaji zona zibukange- le njengento esulungekileyo. Ke lenyaniso ibonakele ngobugora bomntwana wase Skotilani ombuzeleyo u Zakariya.

